SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za


This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha lesi-4 uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olusekelwe ukufundwa kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | ISihobe | (30) |
| ICANDELO B: | Inoveli/Uncwadi Lwemveli | (25) |
| ICANDELO C: | IDrama | (25) |

4. Phendula imibuzo EMIHLANU iyonke:

   Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE
   IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI.
   UMBONGO ONGAFUNDISWANGA – Ngumbuzo onyanzelekileyo.

   ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI
   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA
   Phendula umbuzo OMNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI/NONCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA).

   - Phendula KUPHELA imibuzo ekwiNoveli/Uncwadi Lwemveli nakwiDrama oyifundileyo.
   - Phendula UMBUZO OSISINCOKO ubemNYE NOMFUTSHANE ubemNYE.

   Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisti ukwenza oku.

6. UBUDE BEEMPENDULO

   - Umbuzo osisincoko kwiSihobe kulindeleke ukuba uphendulwe ngamagama ali-190–240.
   - Umbuzo osisincoko kwiNoveli/kuncwadi Lwemveli nakwiDrama kulindeleke ukuba uphendulwe ngamagama angama-340–390.
   - Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

7. Imiyalelo ebhalwe ekuqaleni kweCANDELO NGALINYE kulindeleke ukuba ilandelwe ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela indlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha loviwo.

9. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

    ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
    ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
    ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

## ITHEYIBHILE YESIQULATHO

Le theyibhile yesiqulatho kulindeleke ukuba incedise abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abaza kuyiphendula khon'ukuze bangafundi iphepha loviwo lonke.

**ICANDELO A: ISIHOBE**

**Imibongo efundisiweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.**

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| 1. 'ULangalibalele' | Umbuzo osisincoko soncwadi | 10 | 6 |
| 2. 'Ukubethwa ngemvaba' | Umbuzo omfutshane | 10 | 7 |
| 3. 'Isiqithi seentini' | Umbuzo omfutshane | 10 | 8 |
| 4. 'Watsha umzi' | Umbuzo omfutshane | 10 | 9 |

**KUNYE**

**Umbongo ongafundiswanga: Unyanzelekile**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 5. 'Isiphiwo' | Umbuzo omfutshane | 10 | 10 |

**QAPHELA:** Phendula umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.

**ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI**

**Phendula umbuzo OMNYE.***

| | | | |
|---|---|---|---|
| 6. *Inkawu idliw' ilila* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 11 |
| 7. *Inkawu idliw' ilila* | Umbuzo omfutshane | 25 | 12 |
| 8. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 14 |
| 9. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 14 |
| 10. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 16 |
| 11. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo omfutshane | 25 | 16 |

**OKANYE**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 12. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 18 |
| 13. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo omfutshane | 25 | 18 |

**ICANDELO C: IDRAMA**

**Phendula umbuzo OMNYE.***

| | | | |
|---|---|---|---|
| 14. *Buzani Kubawo* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 21 |
| 15. *Buzani Kubawo* | Umbuzo omfutshane | 25 | 21 |
| 16. *Indlal' Inamanyala* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 24 |
| 17. *Indlal' Inamanyala* | Umbuzo omfutshane | 25 | 24 |

***QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE.
Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI ezizincoko okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**ITSHEKHLISTI**

Kulindeleke ukuba abaviwa baqwalasele itshekhlisti elandelayo ukuqinisekisa ukuba bakhethe imibuzo ngokuchanekileyo.

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | TIKISHA NGASEZANTSI (✓) |
|---|---|---|---|
| A: ISihobe (ISihobe esifundisiweyo/ emiselweyo) | 1–4 | 2 | |
| **KUNYE** | | | |
| A: ISihobe (ISihobe esingafundiswanga/ ongamiselwanga) | 5 | 1 | |
| | | | |
| B: INoveli **OKANYE** Uncwadi Lwemveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 6–13 | 1 | |
| | | | |
| C: IDrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 14–17 | 1 | |
| **QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane. | | | |



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za


This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

## ICANDELO A: ISIHOBE

***IMIHOBE YESIXHOSA* – B Ngombane**

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo EZINE ezifundisiweyo nombongo OMNYE ongafundiswanga.
- Ulindeleke ukuba uphendule nayiphi na imibuzo EMIBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezifundisiweyo; KUNYE nombuzo OMNYE wombongo okanye isibongo esingafundiswanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongumbongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhetha imibuzo EMITHATHU kweli candelo.

### IMIBONGO EFUNDISIWEYO

Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.

### UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

Funda umbongo ongezantsi, wandule ukuphendula umbuzo olandelayo.

**ULANGALIBALELE – SEK Mqhayi**

UHamban' maHlubi ningakhangeli mna.
Hambani niye kwaNqanda-ngophondo,-
Izw' elo elaxelwa ngoBabe bethu;
Sendogcin' igama namanxowa mna,
Nengcwaba loBungan'omakhulukhulu
USombata Ngwe noBubesi
ULanga laphuma ndlebeni yandlovu,
Laya latshona endlebeni yangonyama
Beliphume kakade liyinkunzi,
Lide laya kutshona liyinkunzi;
Nezithole zalo zoba ziinkunzi,
Nkunz' egqume kuNtabamhlope,
Kwahlokom' amawa nentlanjana!
Ikhe yaginywa mbumbulu ziqithi,-
Suk' iziqithi zahlamb' intliziyo,
Zamhla uvela kwelaseKoloni,
Yakhal' iKoloni yathi 'Ngiyasha!'
Kuz'agodukele kwelakubo,-
Ziphel' i zaqhwithi nezivondoviya.

Tyhila isigama esisetyenziswe ngenjongo yokuba simthande uLangalibalele singabafundi balo mbongo.

Impendulo yombuzo osisincoko ngamagama ali-190–240. **[10]**


SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE**

Funda isicatshulwa sombongo esingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UKUBETHWA NGEMVABA – SEK Mqhayi**

Ngamaxesha andulo ubisi lusagcinwa
Ngeemvaba emizini, umnumzana othile
Wasuka wabambana nenkosikazi yakhe
Wathabatha imvaba wayityundyutha ngayo.

Kwathi ngexa lokuhlwa ethulula ubisi
Suka lwazekelela ukuphum' emvabeni.
Wayivula ngomnwana wabuya nent' emnandi
Efana namafutha akusa emlonyeni.

Waxakwa yile ncasa kodwa wacing' icebo,
Kwasuka qho axhwaye ingxabano ngelize,
Aphange emvabeni atyundyuthe umfazi,
Kuvel' amafuthana okuqab' esonkeni.

Yazingisa le nkqubo mihla le wanomsindo,
Yaxakw' inkosikazi sisimilo esitsha
Sendoda, phof' incoma ingabethwa ngenduku,
Ngokwezolo, ibethwa ngemvab' ethambileyo.
......................................................................

2.1 Chonga kwisitanza soku-1 zibeMBINI iimpawu zombongo obalisayo. (2)

2.2 Xela (a) ixesha (b) nento oluphuma kuyo ubisi ngokwesitanza sesi-2. (2)

2.3 Nika intsingiselo yebinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi ngokwalo mbongo. (2)

2.4 Tyhila ukuxhatshazwa kwabantu ngokwesini okuqulethwe sisitanza sesi-3. (2)

2.5 Nika imfundiso yalo mbongo. Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za


This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

## UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda isicatshulwa sombongo esingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISIQITHI SEENTINI (*ROBBEN ISLAND*) –TM Kabanyane**

Isiqithi, esiQithini seeNtini!
Isiqith' esimid' iphelel' elwandle
Sisiqith' esithen' esingumsinandozele?
Sisiqith' esithen 'esaziwa kangaka?
Nditsho nothathatha wezol' uyasazi.
Lizothe kwabaNtsund' eMzantsi Afrika!

Ndulo sadalwa ngenjong' entle,
Njengendawo zonke saba likhaya,
Kwiintini zolwandle zaphumla khona.
Oonwele ziyephuyephu ziphetshethwa ngumoya
Beza neenjongo eziphuthileyo eKoloni.
EzaseNtshon' izaphuselane zade zaphukaneka.

Zath' isiqithi silungel' abaneqhenqe,
Balahlwe khona de bawohlozeke,
Mva kwalandelisw' abalahlekwa ziingqondo,
Bazenzel' indumanga yab' esiqithini.
Baxulubane baxhwithane kudliw' ofileyo
Kungenjal' ongen' emanzini lilifa likakrebe.

Abathi baphucukile, abambono zityedileyo,
Bahluth' umhlaba womXhosa emaXhoseni,
Akubuz' isizekabani wanyolwa ngomnwe.
Akuphindisa wanyolwa ngomnwe.
Akuphindisa kwathiw' ulidela-mbuso,
Isigwebo sakhe wohlal' ubom esiQithini.
Ndithetha ngoMakana umfo wasemaXhoseni.
.........................................................................

3.1 Chonga kwisitanza soku-1 zibeMBINI iimpawu zombongo ochazayo. (2)

3.2 Xela (a) ixesha ezimbalini (b) nendawo abafikela kuyo oonwele ziyephuyephu ngokwesitanza sesi-2. (2)

3.3 Nika intsingiselo yebinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi ngokwalo mbongo. (2)

3.4 Tyhila ukuxhatshazwa kwabantu okuqulethwe sisitanza sesi-4. (2)

3.5 Nika imfundiso yalo mbongo. Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE**

Funda isicatshulwa sombongo esingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**WATSHA UMZI – N Mgqwetho**

............................................................
Saqala ngokuhomba sesikulweni
Kanti nank' undlebende esenqweleni
Seva umgqumo welizwi likaThixo
Abathakathi belizisa ngempoxo.

Namhla nithini na ilizwe lifile
Nanzo ke neePasi usapho luwile
<u>Satshabalala ke ngokuswela igqirha</u>
Wanga wonke umzi sowungamagqwirha.

Vela Nkokhelikazi Nto kaMaxeke
Nabo abafazi bazizinxeke-nxeke
Namhlanje lihlazo kwizindlu zeAfrika
Nomfula wehlazo namhlanje siyemka.
............................................................

4.1 Chonga kwisitanza soku-1 zibeMBINI iimpawu zombongo obalisayo. (2)

4.2 Xela (a) ixesha ezimbalini (b) nendawo ekuqhubeka kuyo izehlo ezikwisitanza sesi-2. (2)

4.3 Nika intsingiselo yomqolo okrwelelwe umgca ngaphantsi ngokwalo mbongo. (2)

4.4 Tyhila ukuxhatshazwa kwabantu okuqulethwe sisitanza sesi-2. (2)

4.5 Nika imfundiso yalo mbongo. Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

**KUNYE**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**UMBONGO ONGAFUNDISWANGA (UNYANZELEKILE UKUBA UPHENDULWE)**

**UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE**

Funda umbongo ongezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISIPHIWO – MG Bici**

Kambe le nt' isiphiwo yinto enqabileyo,
Kuba kaloku sona sivela kuMdali.
Kwabanye sibonakale umntu selekhulile.
Sisuke thina manga ngesiphiwo sakhe.

Ngenxa yesiphiwo umntu uyaphila,
Uyaphila ngesiphiwo asiphiwe nguMdali.
Umntu uba yindumasi ngesiphiwo sakhe,
Aziwe apha naphaya ngenxa yaso,
Abizwe ngapha nangaphaya ngenxa yaso.

Mntu ngamnye waphiwa isiphiwo,
Koko ngelishwa lethamsanqa azafana.
Ukuba bezifana bekuya kuba ngumsina-ndozele.
Kuloko sithi Huntshu! kwabo baneziphiwo,
Khona ukuze kube lulonwabo kuphel' isizungu.

Yiza nesiphiwo sakho mntakwethu,
Hleze sibe lulutho kumlisela nomthinjana.
Mhlawumbi singayimfundiso kwiimveku zangomso.
Ndithetha ngesiphiwo esiphiwe mna nawe.
Isiphiwo, isiphiwo, isiphiwo, ndee ... xha-a!

5.1 Chonga kwisitanza soku-1 umqolo oxela ukuba iziphiwo zabantu azifiki ngaxeshanye. (1)

5.2 Nika zibeMBINI iinzuzo zokubanesiphiwo emntwini ngokwesitanza sesi-2. (2)

5.3 Chaza umahluko okwisakhiwo sangaphandle sesitanza soku-1 nesesi-2. (2)

5.4 Ngqina ngokukwisitanza sesi-3 ukuba lo mbongo uncoma abantu abanesiphiwo. (2)

5.5 Xela ifuthe lokuphindaphindwa kwegama 'isiphiwo' elikumqolo we-19. (1)

5.6 Nika injongo yesitanza sesi-4. Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za


This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezimbini noNcwadi Lwemveli.
- Khetha umbuzo kwiNoveli oyifundisiweyo/ukhethe umbuzo kuNcwadi Lwemveli.
- KwiNoveli ngaNYE nakuNcwadi Lwemveli kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI NOMBUZO OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo we-6 ukuya kumbuzo we-13.
- Khetha umbuzo ubemNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa ukhetha umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwiDrama).
Xa ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo C (kwiDrama).

### INOVELI

Phendula UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO) OKANYE UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE).

### UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***INKAWU IDLIW' ILILA* – S Kula**

Umcuphi kwinoveli engolwaphulomthetho ubonakala ngokudlula kwimiqobo emininzi aze ade abuphumeze ubunganga bomthetho.

Ngqina ukuba uMapheza ungumcuphi kule noveli ngokuhambelana nenkcaza engentla.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabubengamagama angama-340–390. **[25]**


SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za


This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**UMBUZO 7: UMBUZO OMFUTSHANE**

***INKAWU IDLIW' ILILA* – S Kula**

Funda izicatshulwa zoncwadi ezingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

'Lirhamba lesiziba uMapheza kodwa ke loo nto andifuni kuyikhwaza. Ndifuna nizibonele xa sele enilume wanigqiba, emva koko niya kutyiwa ziintwala emakhaya ningenamsebenzi. Ebecele uncedo apha kum ngolu phando lwakhe, andavuma kuba mna andinakunceda impimpi eza kuthi ndakugqiba ukuyinceda isuke indijikele ngasemva,' watsho embi ebusweni uMfuneko.

'Into ekufuneka siyenze sonke mapolisa kukuzama ukumguzula lo mfo ecaleni kwethu. Umntu makangathi yena akakalunywa ngulo mfana kuba mhlawumbi igama lakhe linokuba kudala labhalwayo ezincwadini zikaNjinga,' watsho ebucaphuka uNqoza.

'Unyanisile Tola. Igama lakho kaloku wena likhona ezincwadini zabakhulu. Andithi uvela kusayiniswa nguNjinga ngenxa yokuza emsebenzini unxilile? Wayeyive ngabani ke loo nto? Ngumbuzo omele ukuba uzibuza wona lowo xa kunamhlanje,' watsho engavelisanga zinyo uMfuneko.

Into awayengayazi yena uNqoza kukuba nguMfuneko kanye owafowunela uNjinga emxelela ngomkhuba kaNqoza wokuphangela enxilile ebusuku. Wathi akuyiva loo nto uNjinga wamakhela umkhanya uNqoza. UMfuneko wayengomnye waba bantu bathi xa badibene neziphathamandla zabo ngaphandle emsebenzini bayikhuphele ngaphandle yonke into malunga nokusebenza kwabo. Ngabantu aba ke abangaziboniyo ukuba bangamazilenzi.

'O, ndiyambona ke ngoku umntu owandilumayo,' watsho enqwala ngentloko kancinci uNqoza.

'Anditsho Dlangamandla ukuba walunywa nguMfezeko, ungandivi kakubi …'

7.1 Tolika ngokwesi sicatshulwa intetho ethi, '… xa sele enilume wanigqiba'. (2)

7.2 Ngqina ngesehlo sebali ukuba isiphumo sokuthetha kukaMfuneko amazwi akrwelelwe umgca ngaphantsi asizange sihambelane nenjongo yokuwathetha. (2)

7.3 Nika ibeMIBINI imiqobo eziyibekele umcuphi izaphulimthetho zale noveli kwindlela yakhe yempumelelo. (2)

7.4 Chasa ngesenzo sikaMapheza ukuchaneka kokuthi uyaluma. (2)

7.5 Tyhila ngeengongoma eziMBINI impixano yangaphandle evela kwesi sicatshulwa. (2)

7.6 Ngqina ngokunika umzekelo ukuba uNqoza ulipolisa elincedisa ukwaphula umthetho. (2)

7.7 Cacisa ubumbolombini kwindima edlalwe sisipolisa kulwaphulomthetho ngokwale noveli. (2)

KUNYE SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**ISICATSHULWA B**

'Liyinyaniso elo Holomi. Ukuba ngenene nangenyaniso bangabatyholwa kule nto, kufuneka senze ngabo umzekelo. Kufuneka bawazi ukuba *umthetho uyasebenza nakubantu bomthetho uqobo,*' wangqina ngelo uNkomo.

Ngokwenene yathi ifika imini emaqanda, wabe uMfuneko noNqoza bebethwa ngumoya elokishini. Ilishwa labo ke kukuba banqunyanyiswa ngaphandle komvuzo wenyanga ngenxa yobunyekenyeke bezityholo zabo.

'Inene uMfuneko lo unzulu,' watsho uBhadula ebona uMnenga noNqoza bephuma e-ofisini kaNjinga bemanyonywana.

'Akanelanga nje kukuba nzulu, ungcolile, ngusathana wepolisa elingcolisa inkonzo yesipolisa,' wangqina watsho uGqazana.

'Eyam ingqondo incamile namhlanje,' watsho evuthulula izandla uBhadula kukungabinabhongo.

'Sisigebengakazi somfazi esiya sikaYangaphi esifanelwe kukuya kuvalelwa sodwa kwesimnyama isisele,' watsho uGqazana.

'Ufanelwe sisihogo samanz' abilayo!' wagqibezela ngelo uBhadula. Wathi nje ukuba asifulathele isikhululo samapolisa uMfuneko ukugxothwa kwabo, wacofa inombolo kanomyayi kaThantaswa emxelela ukuba iliwa libheke umoya.

'Bayive ngabani aba bantu into yokuba ubufuna ukubulala uMapheza?' wabuza exhalabile uThantaswa.

'Ndikrokrela uMapheza buqu.'

'Yena eyive ngabani njengokuba evuka ekufeni nje?'

'Andikazi okwalo mzuzu kodwa ndiza kuzama nam ukwenza uphando ngaloo nto.'

'Wowu! **Ingathi kusekude ukuphuma kule ndibongo njengokuba ndijongile.** Icebo lale nto ngoku lithini?' wabuza ebukruquka uThantaswa.

'Ndiseza kucinga kuba okwangoku andikemi kakuhle ngokwasengqondweni koko bendisithi mandikwazise ...'

7.8 Nika babebaBINI abantu bomthetho osebenze kubo umthetho ngokwentetho kaNkomo ekwisicatshulwa. (2)

7.9 Tyhila ubunyekenyeke kwizityholo ababekwa zona uMfuneko noNqoza ngokwakwisicatshulwa. (2)

7.10 Xela isenzo esibonakalisa ukuba uMfuneko ungcolile ngokwale noveli. (1)

7.11 Chaza indlela le noveli ekuqaqambise ngayo ukungalungi kolwaphulomthetho. (2)

7.12 Cacisa ukuba ithetha ukuthini ngokwale noveli intetho ethi, 'iliwa libheke umoya'. (2)

7.13 Xhasa ngobungqina obusencwadini ukuba kuchanekile ukuyibiza 'indibongo' imeko azibone ekuyo uThantaswa. (2)
**[25]**



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Iqhawe kwinoveli engentlalo libonakala ngemiqobo elidlula kuyo lize liphumelele kwinjongo yalo yobomi. Ngqina ukuba uThole uliqhawe kule noveli ngokwenkcaza engentla.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE**

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Funda izicatshulwa zoncwadi ezingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA C**

Esawafunda la mazwi umfundisi uMaqoma amhlaba uMangaliso wakhumbula ukuxinwa kwakhe ngabafundi eKapa kwiinyanga ezimbalwa ezidlulileyo, kwathi kunjalo zaphinda zamthabatha iinkumbulo zaya kumphosa eRhawutini mhla weva kushunyayelwa ngawo ngumfo owayesiya eGeorge Goch emvuselelweni. Uthe akugqiba ukuwafunda umfundisi watsho ngodlwabevu lwentshumayelo yakhe walikhupha latsola esithi, 'Ngoku ke ma-Afrika amahle, thembandini lendlu eMnyama, ndiwabhekisa kuni la mazwi, ndihlaba umkhosi nto zakuthi ndithi yiyole imihlambi kaThixo ityhafile, ithe saa phandle apha ngokwezimvu ezingenamalusi ifuna umalusi, ndibhenela kuni mawethu ndithi, "Iwu-u-u! Zemk'iinkomo magwalandini! Ndifuna amadodana eze ngobuso elizweni ancame konke anakho angenele ubufundisi." '

Wathi ukuba atsho bavakala bencwina abafana basesikolweni bambi bequbuda bejonga phantsi, suka uninzi lwabafana neentombi lwamana ukuwanamathisela kuMangaliso amehlo ngokunga lithi, 'Kutshiwo kuwe Mangaliso. Yhini na ukuba udukise?' Wamana ukunyukelana umfo kaMaqoma eqongeni edanduluka ade ange uyabonga esithi,
Yhini na le mzi kaPhalo?
Kwakha kwanje phi na mawab'akokwethu?
Ukwenjenje ndihlabel'igwatyu,
Gwatyu lingahlatyelwa izihlunu
Ziba ngamabhunguz'endodeni. Iwu-u-u!
Zemk'iinkomo magwalandini!

Ngalo lonke elo xesha uwanamathisele amehlo kuMangaliso akawasusi ngokunga uthi, 'Nditsho kuwe mfanandini wasemaKwayini.'

Ndiyabona kwakuse kusele kancinci ukuba angalikhuphi litsole litsho. Isithukuthezi samehlo omfundisi uMaqoma nabafundi samtsho waqubuda ...

9.1 Tolika ngokwesicatshulwa uluvo lombalisi oluthi, 'la mazwi ... amhlaba uMangaliso'. (2)

9.2 Ngqina ngokunika isizathu ukuba isenzo sikaThole sokudukisa angazinikeli ngokwakwisicatshulwa asihambelani nenjongo yakhe yobomi. (2)

9.3 Nika ibemiBINI imiqobo eyibekele iqhawe intlalo yale noveli kwindlela yalo yempumelelo. (2)

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za

This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS



9.4 Xhasa ngesenzo sikaMangaliso ukuchaneka kokumbiza ngokuthi '... thembandini lendlu eMnyama'. (2)

9.5 Tyhila ngeengongoma eziMBINI impixano yangaphakathi eveliswa kukubhomboloza nokuphupha kule noveli. (2)

9.6 Ngqina ngokunika umzekelo ukuba isazela siyamncedisa umntu ukusabela ubizo lobufundisi. (2)

9.7 Cacisa ubumbolombini kwindlela abenza ngayo abefundisi bakufika eGeorge Goch. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA D**

| |
|---|
| Asingeze sanaba kakhulu sichaza uvuyo olwaba kwaFikizolo mhla wafika uMangaliso engumfundisi ehamba noyise, befika kuNofundile owayecinga ukuba indoda yakhe kudala yafa njengoko nendoda yayicinga ukuba umfazi wayo kudala wafa. Ungasowuzizobela owakho umfanekiso. Mna ndingasuka nje ndithi yaba lolo vuyo lwalukhatshwa ziinyembezi. Wayiwisa etyetyisiweyo umfo wasemaKhomanzini ikhatshwa liqela leegusha. Lafa ilitye nembokotho elimeme lonke iZazulwana. Izihlobo ezikwiindawo ngeendawo kwanezifundiswa zeli loMzantsi ziphume ngendlu yazo. Elilisela ngelizwi elinye umfo kaBhungalipheli esithi, 'Vuyisanani nam.'<br><br>Abanye abantu bayazenza izinto ezintle kodwa abaze bazibona iziqhamo zemisebenzi yabo kuba zithi ziqandusele okanye ziqaqambe sebefile. Kodwa apha ekwenzeni uMangaliso umntu waba nethamsanqa uFikizolo, kuba iziqhamo zemisebenzi yakhe wazixhamla esaphila. Banoyolo abathi bazixhamle iziqhamo zezithukuthuku zabo besaphila.<br><br>Ulonwabo olwalukaBhungalipheli ngaloo mini yayilolungathethekiyo. Izifundiswa zaziyigibisele imithika yazo yeemfundo ezinemisila zingqonge uMangaliso etsho ngezimbeje-mbeje zobunzululwazi. Belapho oonyawo-ntle beloMzantsi bezokuzimasa itheko lomnye unyawo-ntle. Zawa iintetho zivela kwiingwevu zeGcuwa ziyala unyana wazo, zathetha izifundiswa ziyala esinye isifundiswa ngemfundo yaso esithe sayifumana, sathetha isifundisi siyala omnye umfundisi ukuba abuphathe kakuhle ubufundisi anyulelwe bona nguThixo, Wathetha uFikizolo notitshala uZolile bada balila bebulanda ubomi bonyana wabo kwelo Zazulwana; wavuya umntu waseZazulwana ... |

9.8 Nika amagama wabefundisi abaBINI abamxhasayo uThole kwikhondo lakhe lobufundisi. (2)

9.9 Tyhila ithamsanqa lokuxhamla iziqhamo zemisebenzi yakhe esaphila uFikizolo okuthethwa ngako kwisicatshulwa. (2)

9.10 Xela isenzo esibonisa ukuba uThole usisifundiswa ngokwale noveli. (1)

9.11 Chaza indlela le noveli ekuqaqambise ngayo ukungalungi kobutshijolo. (2)

9.12 Cacisa ukuba kuthetha ukuthini ngokwesicatshulwa ukuthi, 'wavuya umntu waseZazulwana'. (2)

9.13 Xhasa ngobungqina obusencwadini ukuchaneka kwesenzo sokulila kukatitshala uZolile noFikizolo xa belanda ubomi bukaThole. (2)

**[25]**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za


This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

## UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Iqhawe kwinoveli engezopolitiko libonakala ngemiqobo elidlula kuyo lize lide liphumelele. Ngqina ukuba uMfazwe uliqhawe kule noveli ngokwenkcaza engentla.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

## UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Funda izicatshulwa zoncwadi ezingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA E

Akuba uMfundisi uHlathi ebuze ukuba ligazi lantoni na elisezinyaweni zam, ndema nematha lindiyile. Ndandisanela nje Kukuginya ingwiqi inqaba ilizwi ukuphuma. Uthe gqada ekhitshini weza namanzi wandinika ndasela kwathi kanti ulinyangile ilizwi lam.

**'Yimisebenzi kaFriday le Mfundisi.'**

'Nguwe onqongo ligazi, asingoFriday. Mfazwe kwenzeke ntoni?' Wayemana ukunyukelana uMfundisi ndiqonda ukuba akakude ekundiseni isandla.

'Babulewe nguFriday.'

'Oobani? Thetha Mfazwe, thetha!' Wayebuza engxamile ndibona ngokungqisha phantsi ukuba iMfene elikhulu lothukile. Yandongamela incilikithi, ndachopha esitulweni esikufuphi, washiyeka yena emi phezu kwam. Kwaqala phantsi ukungcangcazela kum, ndaduda ngathi ndiphethwe lidumbe. Ndambona ebuya umva uMfundisi esithi vu esitulweni naye, wathwala izandla entloko, wajonga entungo.

Ndawuva umlomo wam uvuleka, laziphumela ilizwi, ndayilanda intsusa-mabandla yegazi ezinyaweni. Ndeva amandla endingawaziyo ukuba avela phi na. Ndambalisela onke amahlandinyuka ayebangwe sesiya siganeko sokubanjwa kwam ngala ntsasa, ndaya kuthi tyaa, uMfundisi ezifihle ubuso, ethe cwaka.

'Ixesha eli, uthulele ni?' Ndamjonga akuwubuza loo mbuzo. Ekucingeni kwam, ndandiza kuthethela ntoni ngento endandisithi ibonwa ngumntu wonke nje. Lalingekho ke ngoku ithuba lokubeka izizathu zokungathethi. 'Yinkathazo le Mfundisi ndikufake kuyo, kodwa ke khange ndicinge njalo ekuqaleni.' Ndifane ndagibisela elo endaweni yokuphendula umbuzo.

11.1 Tolika ngokwesicatshulwa amazwi athi, '… ndema nematha lindiyile.' (2)

11.2 Ngqina ngolwazi lwakho lwebali ukuba iinjongo zikaFriday zokutyabeka uMfazwe ngobumpimpi azihambelananga nesiphumo seminqweno yakhe. (2)

11.3 Nika ibeMIBINI imiqobo uFriday ayibekele uMfazwe kwindlela yakhe yokulwa ingcinezelo. (2)

11.4 Xhasa ngesenzo sikaFriday ukuchaneka kokuba isicatshulwa simchaze ngokuthi yimisebenzi yakhe eyokufa kwabantu. (2)

11.5 Tyhila ngeengongoma eziMBINI impixano yangaphandle evela kwesi sicatshulwa. (2)

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

11.6 Ngqina ngokunika isenzo ukuba uSiphiwo uncedisile ekufumanekeni kwenkululeko. (2)

11.7 Cacisa ubumbolombini kwindima edlalwa nguNdlela kule noveli. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA F**

'UFriday ukho unepati yakhe, yintloko yayo, ndiyalilibala nje igama layo, yi*Democratic* nto kodwa. UseRhawutini kwii*negotiations*. Uya apho ke nawe. Ndiqinisekile uyakuhlangana phaya noSiqithi kuba ungomnye wabamele iNtsimb'ebomvu kolo thetha-thethwano.' Wazithetha zaninzi ezi zinto uSiphiwo, yasuka yadideka ngakumbi ingqondo yam.

Ndive kwangaye sele esithi masihambe kuyasa. Sithe xa sidlula eGxada wandinika ipasile esongelwe ngephepha elimdaka, ndalivula. Yayingumbhumbutho weencwadi, ndazijonga. Uninzi lwazo lwaluvela kuNokuzola. Zazikho neziya ndandingazange ndizifunde, ezinye zisenqongo yioyile.

NguSiqithi wonke lo wagcina ezi leta. Sagqitha kwisiphambuka esiya phantsi kweNtab'okhozi imoto iginya amanani. Kwiminyaka eliqela eyadlulayo, ndayihamba kwakanye loo ndlela.

Ithe seyiphezulu emoyeni inqwelo-moya, sendizinzile ukuhlala, ndakhupha eziya ncwadi. Ndadlulela kuleya ine-oyile, ndingxolelwa ngamazwi kaSiphiwo awayewathethe xa wayefika eMthontsi, ndimbuza ngekhaya. Ndayiqhaqha ngeminwe engenamikhinkqi. Kwizinto awayekwazi ukuzenza uNokuzola ukubhala ngesandla wayephuma phambili elizweni lonke. Amehlo am angqubeka kwisiqalo awayengazanga angaqali ngaso xa endibhalela.

*Mhlobo wam*

*Kuba ke andinaye omnye ngaphandle kwakho naYe. Uyandibaleka kwezi ntsuku. Manditsho ukuba akunakuze kuthi kanti ubaleka uFriday okukhohlise wakhohliseka ngokungathi ndinento yokwenza naye. Ngendikuxelele ukuba bekunjalo, andikoyiki. Xa ufumene ithuba uze uzokugqitha apha ndizokukubalisela ukuba uthini na umama ngawe. Kaloku wayeqala ukukubonela kufutshane ngalaa mini.*

*Zo*

11.8 Nika babebaBINI abantu ababemele iNtsimb'ebomvu kwii*negotiations* ngokwentetho kaSiphiwo ekwisicatshulwa. (2)

11.9 Tyhila ukukhohliseka kukaMfazwe okuxelwa nguZo kwileta yakhe. (2)

11.10 Xela isenzo esibonakalisa ukuba uFriday ungcolile ngokwale noveli. (1)

11.11 Chaza indlela le noveli eqaqambisa ngayo ubuhle bokuba liqhawe lomzabalazo. (2)

11.12 Cacisa ukuba sithetha ukuthini isiqalo seeleta zikaZo eziya kuMfazwe esithi, 'Kuba ke andinaye omnye ngaphandle kwakho naYe.' (2)

11.13 Xhasa ngobungqina obusencwadini ukuba achanekile amazwi kaNokuzola athi, 'Uyandibaleka kwezi ntsuku' akwileta eya kuMfazwe. (2)
**[25]**

**OKANYE**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**UNCWADI LWEMVELI**

**UMBUZO 12: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Iqhawekazi/iqhawe libonakala ngemingeni elidlula kuyo lize lide liphumele.

Ngqina ukuba uDeliwe uliqhawekazi kwintsomi ethi, 'UDeli noDeliwe' aze uMadiba abeliqhawe kwisibongo 'NguRhulumente wethu lo'.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Funda izicatshulwa zoncwadi ezingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA G**

**INTSOMI KANOMAZA NEGONGQONGQO**

Kwathi ke kaloku ngantsomi, kwakukho amantombazana amabini uNomaza noNozihlwele. Minazana ithile bathunywa ukuba baye kurhela ingca phezu komlambo okufutshane nehlathi elishinyeneyo elalisaziwa ngokubanezigebenga ezibalasele ngoburhalarhume. Bayalelwa ukuba ze bangahlali babuye sele kusihlwa kuba le ndawo baya kuyo ikufutshane neli hlathi. Zalungisa umphako ezi ntombi kuba uhambo oluya kule ndawo lwaluza kuba lude. Bahamba nabanye balapho ekuhlaleni konwatyiwe kuhanjwa kuqhalwa umphako. Bahamba, bahamba bada baya kufika. Barhela imini yonke bada bagqiba, bagoduka ilanga sele lisiya kunina.

Uthe uNomaza sele ephiphiphi wakhumbula ukuba ulibele irhengqe kanina ngemva kwaye wayeqonononondisiwe ngunina ukuba angayilibali. Wacela abahlobo bakhe ukuba bamkhaphe aye kulanda irhengqe kanina kwaza akwabikho namnye ovumayo kuba besithi selitshona ilanga kwaye bebexelelwe ukuba bangahlali kude kubemnyama. Wafa namthanyana uNomaza waza wanyanzeleka ukuba ajike ukuya kukhangela le rhengqe. Kwakukude ngasemva kwaye sele kuthande ukubamnyama. Ukhangele wakhangela wancama waske weva ngento imthi xhakamfu. Kuthe kanti lelinye lamagongqongqo ale ndawo. Kuthe kanti belisaye kuzingela ngoku ke libuyile kuba kuhlwile. Limbuzile ngelo lizwi likhulu kwaye loyikekayo lisithi. 'Ubekwa yintoni kulo mhlaba?' Uphendule uNomaza engcangcazelisa ilizwi, 'Be-be-besize kurhela ingca ndaza ndalibala irhengqe kamama.' 'Owu! nina nirhela ingca emhlabeni wam. <u>Inene ndiza kunibonisa amaqhekeza engqele</u>,' latsho lamfaka engxoweni linomsindo.

Wakhala ekhabalaza ecela uxolo akwanceda nto waza walithembisa ngokuliculela. Laphendula ngelizwi elikhulu lathi makacule. Uvume wenjenje uNomaza;

*Ndandiye kurhela ingca noNozihlwele*
*Ndaza ndalibala irhengqe kamama*
*Kwelo hlathi lishinyeneyo*
*Ndizicelile iitshomi zindikhaphe*
*Akwabikho namnye ovumayo …*

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

Lawuthanda lo mculo eli gongqongqo lamana libetha apha engxoweni lisithi makaphinde acule. Wenjenjalo uNomaza ngaphandle kwamathandabuzo kuba wayesekeleze ukukhululwa kule ntlungu. Lahamba, lahamba igongqongqo noNomaza limthe tyu-u-u egxeni limana libetha kule ngxowa limxelela ukuba makacule.

Lihambe lahamba ladibana nesiqhu samakhwenkwe sisoja umbona, lacela lithembisa ngokuwakhalisela uhadi ukuba anokulipha umbona. Avumile amakhwenkwe kuba nawo ebenomdla kulo mculo aza kuwumamela. Labetha engxoweni yalo lwakhala uhadi.

*Ndandiye kurhela ingca noNozihlwele*
*Ndaza ndalibala irhengqe kamama*
*Kwelo hlathi lishinyeneyo*
*Ndizicelile iitshomi zindikhaphe*
*Akwabikho namnye ovumayo*

Liphinde lathathisa igongqongqo nohambo lwalo lisamthe tyu-u egxeni uNomaza. Lithe xa liphiphiphi laphinda ladibana nesinye isiqhu samakhwenkwe sidlala ibhola. Kwathi kanti kwesi siqhu kukho neyakuloNomaza. Athi la makhwenkwe xa efuna ukubaleka lathi makangabaleki liza kuwabethela ugaga lomntu omkhulu. Ngokwenene ema amakhwenkwe kuba ayenomdla wokumamela olu gaga lomntu omkhulu. Laphinda labetha engxoweni laza laqalisa uhadi ukucula.

13.1 Tolika ngokwale ntsomi inkcaza ethi, 'nehlathi elishinyeneyo nelisaziwa ngokuba nezigebenga ezibalasele ngoburhalarhume.' (2)

13.2 Ngqina ngokwenzeke kule ntsomi ukuba ukuthetha kwegongqongqo okunomgca ngaphantsi akuhambelananga nesiphumo semibono yalo. (2)

13.3 Nika zibeziBINI izenzo zegongqongqo ezibengumqobo ekuphuncukeni kukaNomaza. (2)

13.4 Xhasa ukuchaneka kokuthiywa 'igongqongqo' ngesenzo salo kwintsomi kaNomaza negongqongqo. (2)

13.5 Tyhila ngeengongoma eziMBINI impixano yangaphandle evela kule ntsomi. (2)

13.6 Nika iimpawu eziMBINI zentsomi ezifumaneka kwesi sicatshulwa. (2)

13.7 Phawula ngefuthe lengoma kaNomaza nokuyiphindaphinda kwakhe ekumsindiseni kwigongqongqo. (3)

**KUNYE**



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

## ISICATSHULWA H

**A! Zilimbola! – Isibongo seNkosi – M Mbambo**

Tshotsho unxonxothele emfundweni ukuz' ubone.
Sikruqukile ziimfam' ezirhuqwa nasemini.
Nkunz' egweba ngomthetho enkundleni;
Emadoden' iyawasakaza kangaka;
Kwabasetyhin' ibetha ngoyaba;
Kumlisela nomthinjana yalath' encwadini;
Mhla ngentonjana itshila ngesidanga.
Umponga-mponga weNkosi kumaCiskei;
Umth' omde ovelel' iintaba zaseGwali;
Nguphuncuka bemphethe ingxaki yenkosi

Intyulubi kwakuphath' umthetho enkundleni;
Inkxentsi kwakuthethwa ngesiXhosa.
Ngumahomba ngomnweba wezingwe mhla ngesisusa.
Hlabelani igwatyu mabandl' aseGwali.
Ukuze nilil' int' ephelayo maXhosa ngoMqhayi.
X' ekho uSogwali kaNtaba uMqhayi uyaphila.
A! Zilimbola!
……………………………………………………

13.8 Xela zibeMBINI iindlela ezahlukileyo agweba ngazo enkundleni uZilimbola ngokomqolo we-4 nowe-5. (2)

13.9 Chonga zibeziBINI izinxibo ezibonisa ukuba uZilimbola ebeyixabisile inkcubeko yakhe. (2)

13.10 Nika umsebenzi wesikweko esikumqolo we-9. (2)

13.11 Ngqina ukuba esi sicatshulwa sithathwe kwisibongo esincomayo. (2)

13.12 Phawula ngethoni yalo mbongo malunga nezakhono zikaZilimbola. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za


This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

## ICANDELO C: IDRAMA

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukusukela kumbuzo we-14 ukuya kumbuzo we-17.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo EMIBINI; OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ubemNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama).
Xa ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwiDrama).

### UMBUZO 14: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

'Andithethi ke bona ke ubuthongo ndithi ndakucinga ngawe bumke bonke, ngoku into eseleyo ngamashwa ukuba abe phezu kwam ngenxa yakho.'

Tyhila amashwa aphezu koGugulethu ngenxa yokuthanda uNomaMpondomise kule drama.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

### UMBUZO 15: UMBUZO OMFUTSHANE

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

Funda izicatshulwa zoncwadi ezingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA I

| | |
|---|---|
| UZWILAKHE: | Mfundisi andikhange ndifune nokuyazi loo ntombi; andikhange ndaba kwanawo kwamdla wako oko. |
| UMFUNDISI: | Mzalwana Zwilakhe mfondini, ngamanye amaxesha la sikuwo. Khawundiphendule kulo mbuzo. **Amanzi la omlambo unakho na ukuwathintela endleleni yawo uwaphindisela apho ebevela?** |
| UZWILAKHE: | Hayi. |
| UMFUNDISI: | Unyanisile, ngenene akunakho. Ungathi ukhe wakuzama oko mfo waseMaHlubini uzibone sowusengozini yokurhaxwa, de uzibone ufela apho ukuba akuwadedeli amanzi endleleni. Amaxesha la sikuwo ngamanye, ndomana ndisitsho kuwe Rhadebe. Asinakho konke ukudeda sibuyele koobawomkhulu emva, sisengozini ukuba senjenjalo, sizimbela imihadi esiya kweyela kuyo. Ixesha lokuhlwayela lelokuhlwayela mzalwana wam, elokuvuna lelokuvuna. |


SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

| | |
|---|---|
| | Akungekhe uhlwayele ngexesha lokuvuna. 'Izinto zonke zinamaxesha azo', sitsho isilumko somHebhere. Yinyaniso ke leyo. Kwixesha esikulo abantwana basiphethe, akukhathaleki nokuba sewudlokova usithini basiphethe. Asindim owenze loo nto, ingenguwe, ingenguye nabani na, lixesha. Xa nditshoyo andikumeli ngaphambili, qhuba, mhlawumbi sobuya sive ngawe, kodwa mhle umntu ovayo xa acetyiswayo Rhadebe. |
| UZWILAKHE: | Hayi bo! Ndixolele mfundisi, nokuba kuyini na andinakho ukujika kule nto, ndimile. Ayingeze yandihlela into yokuphathwa ngumntwana ndimzala. |
| UMFUNDISI: | Anditsho ukuthi jika, kakade akusekho mihlaba yakujika, nto nje ndithi sobuya sive ngawe. Yiza ndibambe isandla sahlukane. Wondixolela andizi kuba saya nangasekhaya, ndiya kutshatisa eThoboshane. *(Bayabulisana, bayaphuma)* |

15.1 Xela ingxaki edalwe kukwahluka kwamaxesha kule drama athetha ngako uMfundisi. (2)

15.2 Chaza ukuba uthetha ukuthini umbuzo obhalwe ngqindilili kwisicatshulwa ngokubhekiselele kuthando lukaGugulethu kuNomaMpondomise. (2)

15.3 '... uzibone sowusengozini yokurhaxwa, de uzibone ufela apho ukuba akuwadedeli amanzi endleleni.'

Nika zibeMBINI iindlela abonakalisa ngazo ukubasengozini yokurhaxwa uZwilakhe kule drama. (2)

15.4 Tyhila isiganeko akrobisa kuso amazwi akwisicatshulwa athi, 'sizimbela imihadi esiya kweyela kuyo' ngokwale drama. (2)

15.5 Ngqina ngokukwisicatshulwa ukuba uZwilakhe unenkani. (2)

15.6 Khankanya isiganeko esibandakanya uNomaMpondomise noGugulethu esilandela kanye emva komtshato wakwaZilindile. (2)

**KUNYE**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**ISICATSHULWA J**

| | |
|---|---|
| UGUGULETHU: | Ukutshatiswa kwam ndingathandi; ukufa kwentanga yam uMzamo; ukufa komfazi wam ngenxa kabawo; kude kuze kuba sekufeni kukaThobeka **nentsapho yakhe**. |
| IJAJI: | O, wawunomnye umfazi owawunaye? |
| UGUGULETHU: | Ewe kaloku oyena mfazi ndandisekelwe yena nguThixo, olona bambo lwam, intombi kaLangeni. |
| IJAJI: | Gugulethu khawukhe ubalise imbali yokwenza kwakho eli sikizi, uqale phantsi. |
| UGUGULETHU: | Mhlekazi okokoko ndathi ndatshatiswa nentombi kaMcothama ndingayifuni andizange ndikubone ukonwaba emhlabeni. Yasoloko indidla le nto ngalo lonke ixesha. Zaqengqeleka iintsuku zazal' iiveki, iiveki zazal'iinyanga, iinyanga zazal'iminyaka. Ndithe ndikuyo le ntlungu, sendabaleka ekhaya ndaya kuba seMthatha, ndabona kugaleleka uThobeka apho eMthatha, into leyo eyatsho ndakhohlwa nayeyona nto mandiyenze, kwathi mandizibulale. Ndiphumile ngalo olo rhatya lokufika kukaThobeka ngeenjongo zokuba ndiye kuzeyelisela eMthatha emlanjeni, litshabalale igama lam emhlabeni kungabuye kuphinde kubekho nto ithetheka ngam. Ndifike ndahlala eludongeni lomlambo uMthatha ndisezingcingeni. Ndifikelele kwingcinga yokuba ukuzeyelisela akuyi kucima gama lam uThobeka esaphila, ngoko manditshabalalise yena **nosapho lwakhe** kuqala. Ndizibuze le mibuzo ndindedwa. Kungaba ukuzeyelisela kwam kuya kwenza ukuba igama lam litshabalale emhlabeni kusini na? Yathi impendulo, hayi, ubukho bukaThobeka emhlabeni buya kwenza ukuba igama lam lisoloko lingundaba-mlonyeni ebantwini, ngoko ke manditshabalalise yena nako konke **okukokwakhe** kuqala. |

15.7 Atyhila ntoni ngobudlelwane bukaGugulethu noThobeka amabinzana akwisicatshulwa athi, ... nentsapho yakhe, nosapho lwakhe, okukokwakhe? (2)

15.8 Phawula ngokuchaneka kokuba athi uGugulethu xa ethetha ngoNomaMpondomise, 'olona bambo lwam'. (2)

15.9 Khankanya abemaBINI amatiletile kaGugulethu okubonakalisa ukungahambisani nombono wabazali bakhe wokumtshatisa noThobeka. (2)

15.10 Chaza isifundo esifumaneka kumazwi kaGugulethu athi, 'sendabaleka ekhaya ndaya kubaseMthatha'. (2)

15.11 Nika uphawu lokuba esi sicatshulwa sithathwe kwidrama. (1)

15.12 Chasa isigqibo sikaGugulethu sokubulala uThobeka nosapho ngokunika isizathu. (2)

15.13 Ngqina ngophawu ukuba lo mdlalo yintlekele. (2)
**[25]**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za


This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**UMBUZO 16: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

'Kaloku thina asivingcelwanga yindlala nje kuphela. Eyona nto isiphetheyo ngumgqwaliso.'

Tyhila indlala evingcileyo nomgqwaliso ophethe ikhaya likaMamQhinebe nelikaMaGatyeni ngokwamazwi kaMamQhinebe angentla.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**UMBUZO 17: UMBUZO OMFUTSHANE**

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

Funda izicatshulwa zoncwadi ezingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA K**

| | |
|---|---|
| SIQHIWU: | Loo nto ibonakalisa ukuba **wena Mnumzana Maqhikizane uhoya abantu obaziyo kuphela**. |
| MAQHIKIZANE: | Sisityholo esibi kunene eso mfo kabawo. Ndiya kukucela ukuba usirhoxise. |
| SIQHIWU: | Igama ndinguSiqhiwu kaSihlwele apha kwaKaplani. |
| MAQHIKIZANE: | Enyaniswenі wena nto kaSihlwele ixesha eli lonke bendisakuvavanya ukuba uyindoda kangakanani na. Ndikubonile ke ngoku ukuba uyindoda ngenene. |
| SIQHIWU: | Kutsho wena. Ibikwanguwe nogqiba kuthi ndiyinkwenkwe. |
| MAQHIKIZANE: | Uyabona ke, baninzi abantu abangena ngalaa mnyango mihla le, beze kuzikhalela, bephethe izinto abakhala ngazo. Uyandiva mfo wam? |
| SIQHIWU: | Ewe. |
| MAQHIKIZANE: | Kunzima kanene ke ukuba umntu ungamncedi, naxa selede wancama into yakhe, mhlawumbi ekukuphela kwayo, kuba efuna isithuba sokuxelenga. Undiphulaphule phofu mfo wam? |
| SIQHIWU: | Ngendiba ndikuphulaphule bawo, nto nje ingathi uyenyuka ke ngoku lo mmango. |
| MAQHIKIZANE: | Ndiyeke kaloku mfo kabawo ndigqibe. Mna ndicinga ukuba le nto yile kuthiwa kukuthenga emithiyo ngenethole. |
| SIQHIWU: | Kugos'okwaphukayo ndiyakuxelela. |
| MAQHIKIZANE: | Nditsho kuba loo nto sukuba beyincamile ithi izale eninzi xa sele bewufumene umsebenzi. |
| SIQHIWU: | Lilonke ke Mhlekazi uthi nam mandenze njengoko abo bantu uthetha ngabo besenza? |
| MAQHIKIZANE: | Enyaniswenі ke wena mfo kabawo andingede ndiliqavise nditsho noko. |
| SIQHIWU: | Kodwa utsho? |
| MAQHIKIZANE: | Kaloku wokhumbula ukuba lityala ukuxelela umntu ukuba enze into phambi kokuba umqeshe, kodwa ke xa ufuna ukundipha icuba, andinakuma ngaphambi komsindo wakho. |

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za


This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

17.1 Xela ingxaki edalwe kukwahluka kweendlela zokufuna ukubanemali kule drama. (2)

17.2 Chaza ukuba ngokwebali, sibhekiselele entwenini isikhalazo sikaSiqhiwu ngokwamazwi akhe aphawulwe ngqindilili. (2)

17.3 'Sisityholo esibi kunene eso mfo kabawo.'

Ngeengongoma eziMBINI nika izityholo abekwa zona uMaqhikizane kule drama. (2)

17.4 Tyhila isiganeko sale drama akrobisa kuso amazwi athi, 'kaloku wokhumbula ukuba lityala ukuxelela umntu ukuba enze into phambi kokuba umqeshe'. (2)

17.5 Ngqina ngokukwisicatshulwa ukuba uSiqhiwu unesibindi. (2)

17.6 Khankanya isiganeko esibandakanya uSiqhiwu noMaqhikizane esilandela kanye emva kwengxoxo ekwisicatshulwa. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA L**

| | |
|---|---|
| MAGATYENI: | Kodwa amanwele la wona andiphethe. Kubi ukuxoka. *(Usana lukhale kakhulu.)* |
| MAMQHINEBE: | Hayi wethu! Ngamanwele antoni na la undimele ngawo, nam uza kude undoyikise nje mfazindini? |
| MAGATYENI: | Ibingezonjongo zam ukukoyikisa wethu Qhinebe. Ndixela into endiyiva apha kum mna. |
| MAMQHINEBE: | Uyazi ukuba nam ngoku ndisuke ndanala manwele akho, ngenxa yakho? |
| MAGATYENI: | Makhe sisuke kule ndawo. |
| MAMQHINEBE: | Siye phi? |
| MAGATYENI: | Makhe siye kuhlala kwenye indawo. Sakubuya xa seyilixesha lokuphuma kwebhasi. |
| MAMQHINEBE: | Hayi kulungile masihambe. Nam ndisuke ndoyika ngoku. |
| NTAMO: | Khawothule lo mntwana kudala ekhala emqolo mama ndimbukele, ungamhoyanga nakancinci ke loo nto. |
| MAMQHINEBE: | Hayi, hayi wena polisa … |
| NTAMO: | Yithi Sajini xa uthetha nam mama. Umbandaza uthini ke? |
| MAMQHINEBE: | Lo mntwana uya kukhala ngakumbi ukuba ndikhe ndamehlisa apha. |
| NTAMO: | Ngokuba kutheni kanene? |
| MAMQHINEBE: | Ukuthanda gqitha ukubelekwa. Akazifuni izandla wena Sajini. Inene … |
| NTAMO: | Ngumntakabani lo mama? Kutheni ingathi asingowakho nje? |
| MAMQHINEBE: | Hayi ngowam Sajini. Ngowam ke yena umntwana lo … |
| NTAMO: | Khawumehlise mama ndimbone. Kutheni amehlo akho ebaleka nje? |

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za


This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

| | |
|---|---|
| MAGATYENI: | *(Uzama ukunyebelezela emke.)* |
| NTAMO: | Heeyi! Ucinga ukuba uya phi? Wathi undiva ukuba ndithetha nani, wena wabe uhamba. |
| MAGATYENI: | Hayi mna andimazi lo mfazi. Ndiyaqala ukumbona apha ngoku. |
| MAMQHINEBE: | Tyhini MaGatyeni! Wandikhanyela, kungekakhali neyokuqala inkuku? |
| NTAMO: | *(Ebamba uMaGatyeni, emntlokothisa, emmisa ecaleni kukaMamQhinebe.)* |

17.7 Kutyhila ntoni ngomsebenzi kaMaGatyeni noMamQhinebe ukuphathwa ngamanwele? (2)

17.8 Phawula ngokuchaneka kwempendulo kaMamQhinebe ethi, 'ngowam' ngokwale drama. (2)

17.9 Khankanya abemaBINI amatiletile kaMaGatyeni okulwa indlala ngokwale drama. (2)

17.10 Chaza isifundo esifumaneka ngobuhlobo kumazwi kaMaGatyeni athi, 'Hayi mna andimazi lo mfazi.' (2)

17.11 Nika uphawu lokuba esi sicatshulwa sithathwe kwidrama. (1)

17.12 Chasa isigqibo sikaMaGatyeni sokungena kule nto yokuba iintsana ngokunika isizathu. (2)

17.13 Ngqina ngophawu ukuba lo mdlalo yintlekele siyoliso. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**


SA EXAM PAPERS
Proudly South African